Isalathiso: 20170131-7835
12/2/8/12/P
Imibuzo: LB Shasha

ISetyhula: 0006/2017
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo neehostele (zingabandakanywanga iikholeji zemfundo)

Isishwankathelo esifutshane: *Ukunyuswa kwezixa-mali ezihlawulelwa iibhasari zokubhoda ezihostele, ezothutho nezokubhoda kwiindawo zabucala, kunye neenkxaso-mali zabasebenzi ezihostele nasezikolweni.*

Isihloko: **Ukunyuswa kwezixa-mali ezihlawulelwa iibhasari zokubhoda ezihostele, ezothutho nezokubhoda kwiindawo zabucala, kunye neenkxaso-mali zabasebenzi ezihostele nasezikolweni**

1. Kuvunyiwe ukunyuswa kwezi bhasari zilandelayo ukususela nge-**01 Apreli 2017:**

1.1 Eyona mali iphezulu yeebhasari zokubhoda ezihostele ehlawulelwa abafundi abasweleyo abasezihostele kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo inyusiwe ukusuka kwi-R7 767.00.00 ukuya kwi-R8 349,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

1.2. Eyona mali iphezulu yeebhasari zokubhoda kwiindawo zabucala kunye neebhasari zezothutho ezihlawulelwa abafundi abasweleyo kwiZithili i-*West Coast*, i-*Cape Winelands*, i-*Eden & Central Karoo* ne-*Overberg,* inyusiwe ukusuka kwi-R1 811.00 ukuya kwi-R1 916,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

Qaphela: Zonke ezi bhasari zilapha ngasentla zibalwa ngokungqinelana novavanyo lobungakanani beemfuno *(means test)* oluvunyiweyo (makufundwe iNgcaciso eMfutshane ye-*IMGP* 0016/2011) neekhrayitheriya ezimiselweyo ezicaciswe (kwiSetyhula 0143/1998 ye-6 Novemba 1998 neSetyhula 0029/2001 ye-13 Matshi 2001.

2. Kukwavunyiwe kwakhona ukunyuswa kwezi nkxaso-mali *(subsidies)* zabasebenzi zilandelayo ukususela nge-**01 Apreli 2017**:

2.1 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani labafundi ababhalisileyo elingaphantsi kwabafundi abayi-201, ukwenzela ukuqesha oomabhalane nabasebenzi beenkonzo eziqhelekileyo, inyusiwe ukususka kwi-R520.00 ukuya kwi-R550.00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

2.2 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwiihostele zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani labafundi elingaphantsi kwabafundi abayi-50 abahlala ehostele ukwenzela ukuqesha oomabhalane, inyusiwe ukususka kwi-R7 767 00 ukuya kwi-R8 349.00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

2.3 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwiihostele zeecawa okanye kwezabucala ukwenzela ukuqesha oomabhalane nabasebenzi beenkonzo zokucoca, inyusiwe ukususka kwi-R1 815.00 ukuya kwi-R1 920,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

3. Kucelwa wazise okukule setyhula amalungu ebhunga lolawulo nabo bonke abantu abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-02-17